

## **INCWADANA YESIKHOKELO**

### **YESEBE LOKHENKETHO**

*Ngokwesiqendu 14 sePromotion of Access to Information Act 2 ka-2000*

### **OKUNGAPHAKATHI**

**Umxholo**

**Ikhasi**

1. Injongo yale nowadana yesikhokelo

3

2. Isikhokelo sesiqendu 10 sazo zonke iincwadana zesikhokelo kwiRiphablikhi yoMzantsi-Afrika		
	3	
3. linkcukacha zoqhamshelwano zeGosa Lengombolo okanye zamaSekela alo	3 - 4	
4. Amasebe eSebe Lokhenketho	4	
5. Amaxwebhu akwiSebe afumaneka ngokuzenzekelayo	5	
6. Ukufumana amaxwebhu ngokwesiqendu 14(1) (e)	5 - 6	
7. Ukuchazwa kweendidi zamaxwebhu afumaneka ngokuzenzekelayo ukuze ahlolwe ngokwesiqendu 15(1) se <i>Promotion of Access to Information Act</i> ka-2000	6 - 8	
8. Indlela yokuwfumana amaxwebhu afumaneka ngokuzenzekelayo	8	
9. Indlela yokuwacela	8 - 11	
10. Ukuhlawulwa kwemirhumo ngokwalo Mthetho	11	
11. Uncedo olufumanekayo ukuba okutshiwo ngulo Mthetho akwenziwa	12	
12. Ukwenza le ncwadana yesikhokelo ihambisane namaxesha	13	
13. Ukufumaneka kwale ncwadana yesikhokelo	13	
14. ISONGEZO A	iFom A (iSicelo Sokuyifumana)	14

## 1. INJONGO YALE NCWADANA YESIKHOKELO

Isiqendu 32(1) soMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi-Afrika ka-1996 sithi wonk' umntu unelungelo lokufumana ingombolo egcinwe ngurhulumente kunye nayo nayiphi na ingombolo ekomnye umntu efunekela ukusebenzisa okanye ukukhusela ilungelo. Kodwa ke *Promotion of Access to Information Act* (emva koku esiza kuyibiza ngoku yiPAIA) iyavuma ukuba ilungelo lokufumana ingombolo linokusikelwa umda ngezizathu ezithethelelekayo.

linkukacha zamaxwebhu agcinwe liqumrhu elilelikarhulumente zikwincwadi eyaziwa ngokuba yincwadana yesikhokelo. Ngoko ke incwadana yesikhokelo imalunga namaxwebhu agcinwe liqumrhu elilelikarhulumente. Amaxwebhu agciniweyo aphathelele kumsebenzi wecandelo ngalinye. Ukwahlula phakathi kwemisebenzi yecandelo ngalinye, amaxwebhu ecandelo ngalinye anikwa inombolo eyahlukileyo. Uxwebhu ngalunye lukwanemiyalelo omalulahlwe ngayo.

Ngaphandle kwamaxwebhum akwabizwa ngokuba ziifayile, incwadana yesikhokelo ikwanengcombolo engeedilesi zeNtloko yeSebe kwakunye neyeGosa Lengcombolo okanye amaGosa Engcombolo equmrhu elilelikarhulumente kwakunye negama lecandelo ngalinye kwiqumrhu elilelikarhulumente, umsebenzi walo ophambili noluhlu lwavo onke amaxwebhu agcinwe liqumrhu elilelikarhulumente.

## **2. ISIKHOKELO SESIQENDU 10 SAZO ZONKE IINCWADANA ZESIKHOKELO KWIRIPHABLIKHI YOMZANTSIAFRIKA**

IKomishoni Yamalungelo Oluntu YoMzantsi-Afrika (iKomishoni Yamalungelo) ithe ngokwesiqendu 10 sePAIA yaqulunqa isikhokelo ngokusetyenziswa kwePAIA. Esi sikhokelo sifumaneka kwii-ofisi zeKomishoni Yamalungelo.

ICandelo lePAIA kwiKomishoni Yamalungelo Oluntu YoMzantsi-Afrika  
The Research and Documentation Department  
Private Bag X2700  
HOUGHTON  
2014

umnxeba +27 11 877 3600  
iwebsayithi [www.sahrc.org.za](http://www.sahrc.org.za)  
i-imeyile [PAIA@sahrc.org.za](mailto:PAIA@sahrc.org.za)

## **3. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSELWANO ZEGOSA LENGCOMBOLO NAMASEKELA KWISEBE LOKHENKETHO IGOSA LENGCOMBOLO**

UMlawuli-Jikelele kwiSebe Lokhenketho: uMnu Victor Tharage  
Private Bag X424  
Pretoria  
0001

umnxeba: +27 444 6721/6379  
ifeksi: +27 444 7040  
i-imeyile: [vtharage@tourism.gov.za](mailto:vtharage@tourism.gov.za)  
ifeksi: +27 444 7101

Ukuchazwa kwemisebenzi:

Ukukhokela nokwalathisa isebe.  
Ukulakha isebe libe ngumbutho okwaziyo ukuphumeza izinto ezifanele zibe zezokuqala nemigaqo-nkqubo eqingqwe nguMphathiswa nayiKhabhinethi.  
Ukwenza unakonako wokuba iinjongo zesebe ziphunyezwe.  
Ukwakha iqela elizimiseleyo, elikwaziyo ukusebenza ngaphakathi kwisebe.

## **IGOSA LENGCOMBOLO ELILISEKELA: uNksz Mmaditonki Setwaba**

UMlawuli OyiNtloko Kuncedo Lomthetho kwiSebe Lokhenketho  
ifeksi: +27 444-7101  
i-imeyile: msetwaba@tourism.gov.za

## **Ukuchazwa kwemisebenzi:**

Ukwenza lula ukusetyenziswa nokulungelelaniswa kwePAIA kwiSebe Lokhenketho nokufundisa abantu ngePAIA.

## **4. AMASEBE KWISEBE LOKHENKETHO LELIZWE LONKE**

1. Abaphathi	Ukukhokela ngobuchule, ukuphatha nokuncedisa abaphathi
2. Uphengululo ngokhenketho, umgaqo-nkqubo nobudlelane namazwe ehlabathi	Ukucwangcisela icandelo lokhenketho nokulibek' esweni, kubekho ubudlelane obuhle nabo bachaphazelekayo
3. Ukwensiwa kwenkqubela-phambili kwindawo ekuyiwa kuyo	Ukwenza ubulula nokulungelelanisa izinto kwindawo ekuyiwa kuyo ngokuyicwangcisela kakuhle indawo ekuyiwa kuyo.
4. linkonzo zokuncedisa icandelo lokhenketho	Ukuphucula ukwensiwa kwenguqu kweli candel, ukwandisa ubuchule nokuxhasa ukwensiwa kwenkqubela-phambili ukwenzela ukuba uMzantsi-Afrika ube lilizwe lokhenketho elikhuphisana namanye.

## **5. AMXWEBHU AKWISEBE AFUMANEKA NGOKUZENZEKELAYO**

Esi sahluko sithetha ngesiqendu 14(1)(d) sePromotion of Access to Information Act esithi iqumrhu malinike iinkcukacha zamaxwebhu akulo ukuze lisabele kwizicelo zokufumana ingombolo.

ISebe liwahlula-hlula amaxwebhu nengombolo (anento yokwenza nemisebenzi neenkonzo ezenziwa liSebe) abe ngala macandelo alandelayo:

- 5.1 Imigaqo-nkqubo, iindlela zobuchule, ukuphathisa, izihlokomiso zikarhulumente nemithetho yepalamente
- 5.2 Okukhutshwe kumaphephanda neentetho
- 5.3 Amaxwebhu abasebenzi eSebe
- 5.4 Amaxwebhu eSebe amalunga nemali
- 5.5 Imibandela eza kuxoxwa kwiintlanganiso namanqaku eentlanganiso zeSebe
- 5.6 Ingombolo engolawulo ngokubanzi
- 5.7 lingxelo zeSebe
- 5.8 Amaxwebhu ezaziso ajikeleza ngaphakathi, iileta, iileta zekhabhinethi
- 5.9 Izivumelwano ezibaliweyo, izivumelwano zamazwe ngamazwe
- 5.10 Ingombolo emalunga neSebe njengoko ichazwe kwisiqendu 4
  - 5.10.1 Izcwangciso zoshishino
  - 5.10.2 Amaxwebhu amacebo achuliweyo
  - 5.10.3 Ingombolo engenkqubo ethile
  - 5.10.4 Amaxwebhu ophengululo

Okunye okukhoyo kule ncwadana yesikhokelo ngumbandela weefayile. lifayile sisixhobo sokulondoloza amaxwebhu kwiSebe. Ifayile nganye inenombolo kune nenkazelo emfutshane yamaxwebhu agcinwe kuloo fayile kwakunye nokuthi ingantoni loo fayile. Ifayile nganye inenombolo yayo, umhla eyavalwa ngawo nomhla eyavalwa ngawo, nomyalelo wokuba mayipheliswe njani loo fayile. Umyalelo wokupheliswa kwayo ubalulekile kuba nguwo oxelayo ukuba makwenzeke ntoni kuloo

fayile emva kokuba kuphele ixesha elithile; umzekelo: u-A10 uthetha ukuba ifayile mayithunyelwe kwiNASA (National Archives of South Africa) xa sekuphele iminyaka elishumi ukususela kumhla wokuvalwa kwayo obhalwe kwiqwakuqwaku lefayile. IOfisi yoMphathiswa wokhenketho ineyayo indlela yokugcina amaxwebhu, efanayo neyeSebe.

## **6. UKUFUMANA AMAXWEBHU NGOKWESIQENDU 14(1) (e)**

Ngokwesiqendu 15(1), iSebe kufuneka lingenise kuMphathiswa Wobulungisa Neenkonzo Zoluleko uludwe Iwamaxwebhu afumaneka ngokuzenzekelayo kungakhange kupapashwe isicelo kuShicilelo-Mithetho (Governmen Gazette).

ISebe lingenise kuMphathiswa Wobulungisa Neenkonzo Zoluleko uluhlu Iwengombolo olufumaneka ngokuzenzekelayo ukuba lupapashwe kuShicilelo-Mithetho. Le ngombolo ikwafumaneka kwiwebsayithi yeSebe: <http://www.tourism.gov.za>.

## **7. UKUCHAZWA KWEENDIDI ZAMAXWEBHU AFUMANEKA NGOKUZENZEKELAYO UKUBA AHLOLWE NGOKWESIQENDU 15(1) SEPROMOTION OF ACCESS TO INFORMATION ACT KA-2000**

### **AMAXWEBHU AFUMANEKA NGOKUZENZEKELAYO NOKUWAFUIMANA:**

*(Isiqendu 15 sePromotion of Access to Information Act 2 ka-2000)  
[uMmiselo 5A]*

<b>KUCHAZWA KODIDI LWAMAXWEBHU AFUMANEKA GOKUZENZEKELAYO NGOKWESIQENDU 15(1)(a) EPROMOTION OF ACCESS TO INFORMATION ACT KA-2000</b>	<b>INDLELA YOKUWAFUMANA (umz. ngewebsayithi) (isiqendu 15(1)(a))</b>
-----------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------	--------------------------------------------------------------------------

### **UKUZE AHLOLWE NGOKWESIQENDU 15(1)(a)(i):**

<p>(a) Yonke ingombolo ekwiwebsayithi Le ngombolo elandelayo iyafumaneka kwiwebsayithi: <a href="http://www.tourism.gov.za">www.tourism.gov.za</a>:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>- ingombolo emalunga neSebe;</li> <li>- emalunga namajelo eendaba; <ul style="list-style-type: none"> <li>• izinto ezaziska amajelo eendaba;</li> <li>• iingxelo ezinikwe amajelo eendaba;</li> <li>• iintetho; kunye</li> <li>• nokumenya kwamajelo eendaba.</li> </ul> </li> <li>- Ikhalaenda yeziganeko ;</li> <li>- imisebenzi (iinkonzo);</li> <li>- iingxelo; <ul style="list-style-type: none"> <li>• iingxelo zeenkukacha-manani zekota ngokhenketho;</li> <li>• iingxelo zenyanga nganye zokufika kwabakhenkethi eMzantsi-Afrika;</li> <li>• iingxelo zokufeziwego ngekota nganye;</li> <li>• iingxelo zolwabiwo-mali, njl.</li> </ul> </li> <li>- iinkukacha zoqhagamshelwano zemicimbi yabathengi kwiphondo;</li> <li>- iNational Tourism Sector Strategy (NTSS);</li> <li>- imibuzo ebuzwa qho;</li> <li>- iPAIA;</li> </ul>	<p>Kwiwebsayithi yeSebe.</p>
-------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------	------------------------------

- iSicwangciso Esichuliwego Sexeshana seSebe Lokhenketho;
- iCebo Elichuliwego Lelifa Lelizwe Nokhenketho Lwenkcubeko;
- iCebo Lokukhulisa Ukhenketho;
- iCebo Lokuba Kukhenkethwe Amaphandle Elizweni Lonke;
- Ukuphuculwa Kokhenketho Elizweni Lonke;
- iTourism Act ka-2014;
- iNkqubo Yokukhuthaza Ukhenketho;
- iNgxowa-mali Yokwenza iNguqu kukhenketho;
- Ukukhuthazwa Kokhenketho Olungangcolisisyo;
- iNkqubo Yokukhuthaza Ukhenketho
- Umbele Wolwazi;
- Umbele Wokhenketho we-B-BBEE
- Umgangatho omawufikelelwé;
- Izitetimenti zemali
- lincwadana zesikhokelo nemiyalelo
- Izhokelo zokhenketho:
  - Uncedo lokuvavanya umgangatho;
  - Ukufilela kwimarike; kanye
  - noMgaqo-nkqubo weenkonzo.
- linkonzo zomgaqo-nkqubo nolwazi;
- iSDIP yeSebe Lokhenketho.
- lindaba gabalala;
- Umgaqo-nkqubo weSebe nokwaziswa qho ngekota;
- librotsha;
  - Ikhowudi yeBBBEE yokhenketho
  - Amaxwebhu ahlobene neBEE.
- iincwadi ezipapashiwego;
  - Ingxelo yonyaka;
  - iCebo elichuliwego;
  - isicwangciso sonyaka sokusebenza kakuhle;
  - iithenda
- oolindexha;
  - iBojanala Stakeholder Magazine;
  - iPolicy Watch ephuma ngekota.

#### **EFUMANEKA NGOKUZENZEKELAYO IYEYOKUTHENGA NGOKWESIQENDU 15(1)(a)(ii):**

(a) Luluhlu lwamaxwebhu olungentla.	Amaxwebhu anokufumaneka xa ecelwa ngencwadi, kube kuhlawulwe nemali efunekayo, isicelo eso sibhekiswe: kwiGosa Lengombolo The Department of Tourism Private Bag X 424 PRETORIA 0001
-------------------------------------	-------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------

#### **AFUMANEKA NGOKUZENZEKELAYO INGAWOKUKOPISHA NGOKWESIQENDU 15(1)(a)(ii)**

(a) Luluhlu lwamaxwebhu angentla.	Amaxwebhu anokufumaneka xa
-----------------------------------	----------------------------

	ecelwa ngencwadi, kube kuhlawulwe nemali efunwa ku-2 weCandelo II weSongezelelo A semimiselo yePAIA, sibhekiswe kwiGosa Lengombolo The Department of Tourism Private Bag X 424 PRETORIA 0001
--	----------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------

### AFUMANEKA NGOKUZENZEKELAYO SIMAHLA NGOKWESIQENDU 15(1)(a)(iii)

(a) Luluhlu lwamaxwebhu angentla	La maxwebhu anokufunyanwa xa ecelwa ngokubhala kubhekiswe kule dilesi: IGosa Lengombolo The Department of Tourism Private Bag X 424 PRETORIA 0001
----------------------------------	------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------

## 8. INDLELA YOKUFUMANA AMAXWEBHU AFUMANEKA NGOKUZENZEKELAYO

Isiqendu 15 se*Promotion of Access to Information Act* ka-2000 ithi iSebe kufuneka lipapashe kuShicilelo-Mithetho uluhlu lwamaxwebhu afumaneka ngokuzenzekelayo kwiSebe. Izicelo zala maxwebhu azenziwa ngokuzalisa iFom engu-A esetyenziswa xa kucelwa ingombolo; kananjalo akukho mfuneko yokuhlawula umrhumo. Kuhlawulwa kuphela xa kufuneka kwensiwe iikopi, kuxhomekeke ekubeni uxwebhu olo luliphepha okanye lukwikompakt disk, okanye istifi drayivi, okanye ikhasethi, njal.

Malunga namaxwebhu asele ekwiNational Archives of South Africa, aza kwensiwa afumaneka ngokuvumelana nale mithetho ilandelayo esebenza xa umntu efunu ukufunda amaxwebhu anjalo:

- i*Promotion of Access to Information Act* 2 ka-2000
- uMthetho Wokukhuselwa Kwengombolo 84 ka-1982
- i*National Archives and Records of South Africa Act* 43 ka-1996

## 9. INDLELA YOKUCELA

### 9.1 Izicelo zokufumana ingombolo

Wonk' umntu unelungelo lokucela ukufumana ingombolo egcinwe liSebe, kuxhomekeke ekubeni isicelo senziwe ngefomu efunekayo kusini na nasekuthini ihlawulwe kusini na imirhumu efunekayo. Ukuyifumana kukwaxhomekeke kwizizathu zokungayifumani ezifumaneka kwiSahluko 4 sePAIA. Isicelo sinokwenziwa nangubani na oyifunela isiqu sakhe ingombolo okanye oyifunela omnye ongakwaziyo ukuzifunela.

#### 9.1.1 Ifom emayizaliswe

Ocelayo kufuneka azalise ifom efunekayo—

- (a) enokufunyanwa kwiMimiselo yePAIA;
- (b) ekwiwebsayithi yeSAHR ethi [www.sahrc.org.za](http://www.sahrc.org.za);
- (c) eqhotyoshelwe kolu xwebhu njenge**Songezelelo A**; okanye
- (d) efumaneka kwiziko lengombolo leSebe elikwindawo yokwamkela iindwendwe yeSebe.

### 9.1.2 Inkqubo

- (a) Isicelo sokufumana ingombolo masibhekiswe kwidilesi ethi:

UMlawuli-Jikelele  
Private Bag X 424  
PRETORIA  
0001

Iya ku-: Nksz M Mathebula  
umnxeba: +27 12 444 6732  
ifeksi: +27 12 444 7040  
i-imeyile: vtharage@tourism.gov.za

- (b) Ocelayo kufuneka abonise ukuba unqwenela ukufumana ikopi yoxwebhu okanye unqwenela ukuphonononga uxwebhu kwii-ofisi zequmrhu elilelikarhulumente. Kungenjalo, ukuba uxwebhu alukho kwimo yephepha, lunokuthi lufundwe lukwimo eceliweyo, ukuba kunokwenzeka.
- (c) Ukuba ocelayo ucela ukulufumana lukwimo ethile, ke uya kulufumana lukwimo acele ukulufumana lukuyo. Kusebenza lo mgaqo, ngaphandle kokuba ukuwulandela kuya kuhazamisa ukusebenza kweSebe, okanye konakalise uxwebhu, okanye kwaphule umthetho wokukopisha osebenza kwelinye iqumrhu. Ukuba uxwebhu alunakufumaneka ngendlela efuniweyo ngumntu, kodwa lungafumaneka ngenye indlela, umrhumo uya kubalwa ngendlela ebicelwe ngumntu ekuqaleni.
- (d) Ukuba, ukongezelela kwimpendulo ebhaliweyo kwisicelo sakhe sokufumana uxwebhu, ocelayo ufunu ukwaziswa ngesiqgibo, umzekelo, aziswe ngomnxeba, makuboniswe oko.
- (e) Ukuba ocelayo uyicelela omnye ingombolo, makuboniswe ukuba isicelo senzelwa bani.

### 9.2 Ukucelela omnye umntu

Ukuba isicelo senzelwa omnye umntu, ocelayo makavelise ubungqina bokuba usenzela bani isicelo, obo bungqina banelise iGosa Lengombolo Elilisekela.

### 9.3 Isicelo esenziwa ngabantu abaneziphene

- (a) Ukuba ocelayo akakwazi ukufunda okanye ukubhala, okanye ukuba unesiphene esimthintelayo ukuzalisa ifom efunekayo, angenza isicelo ngomlomo. iGosa Lengombolo Elilisekela (okanye lowo ophathisiweyo lilo) uya kuyizalisa ifom egameni lalowo ocelayo aze anike ocelayo ikopi yefomu ezalisiweyo.
- (b) iGosa Lengombolo Elilisekela (okanye lowo ophathisiweyo lilo) liya kuncedisa ocelayo ukuba ahlangabezane neemfuneko ezixelwe ngentla zokucela ukufumana ingombolo, kuquka nokudlulisela ocelayo kwelinye iqumrhu elilelikarhulumente, ukuba kuthi kucace ukuba bekufanele ukuba sibhekiswe kwelinye iqumrhu elilelikarhulumente eso sicelo.

### 9.4 Ukudluliswa kwezicelo

- (a) Izicelo zamaxwebhu zinokudlulisela kwelinye iqumrhu elilelikarhulumente kwiimeko ezilandelayo:

- (i) Xa uxwebhu lukwelinye iqumrhu elilelikarhulumente;
  - (ii) Okuqulethwe luxwebhu yinto enxulumene kakhulu nemisebenzi yelinye iqumrhu elilelikarhulumente;
  - (iii) Uxwebhu olo lwalubhalelw elinye iqumrhu likarhulumente, okanye lwaqala lwafunyanwa lelinye iqumrhu likarhulumente; okanye
  - (iv) Uxwebhu luqulethe ingombolo yorhwebo engoqoqosho nobume beRiphablikhi ezimalini, nemisebenzi yorhwebo yamaqumrhu angakarhulumente.
- (b) Kwiimeko ezinjalo kungafuneka ukuba iGosa Lengombolo Elilisekela (okanye lowo ophathisiweyo lilo) lidlulisele isicelo eso kwelinye iqumrhu elilelikarhulumente kamsinya kangangoko kunokwenzeka, kodwa zingekapheli iitsuku ezilishumi elinesine (14) lisifumene isicelo. Ukuba iqumrhu elilelikarhulumente okanye iGosa Lengombolo ekubhekiswe kulo isicelo linalo uxwebhu olufunwayo kwaye likubona kuluncedo ukuze iGosa Lengombolo lelinye iqumrhu likarhulumente lisisingathe isicelo, liya kuthi liluthumele uxwebhu olo okanye ikopi yalo kwelo Gosa Lengombolo.
- (c) Ukuba isicelo sokufumana uxwebhu sidlulisiwe, ixesha laso kufuneka libalwe ukususela kumhla esafunyanwa ngawo. Lonke ubalo-maxesha olusebenza kwisicelo sokufumana ingombolo maluhlonitshwe.

## 9.5 Ukwaziswa ngokudluliswa kwesicelo

- (a) Xa isicelo sokufumana ingombolo sidlulisiwe, iGosa Lengombolo Elilisekela elisidlulisayo liya kuthi ngoko nangoko lazise ocelayo:
- (i) ukuba sidlulisiwe;
  - (ii) izizathu zokudluliswa; kunye
  - (iii) nethuba lexesha ekufuneka lingapheli singasingathwanga isicelo eso.
- (b) iGosa Lengombolo Elilisekela liza kwenza unakonako wokuba uxwebhu lulondolozwe de kuthatyathwe isiggibo ngokuyifumana loo ngombolo. Kuza kuqukw namaxesha ekufuneka angapheli esibheno.

## 10. UKUHLAWULWA KWEMIRHUMO NGOKWALO MTHETHO

- (a) Ocela ingombolo engaye

Nabani na ofuna ingombolo engaye akukho mfuneko yokuba ahlawule umrhumo.

- (b) Ocelayo

Umrhumo omawuhlawulwe ngocelayo ngama-R35-00 njengoko kufunwa yiMimiselo yePAIA. Ngaphezu koko, ukuba kucelwa ezinye iikopi, kuza kufunwa imali ngazo ngokwamaxabiso aqingqwe yiMimiselo naliGosa Lengombolo, kungenjalo iSekela lakhe lingabiza imali yexesha elisetyenziswe ekusingatheni isicelo.

### 10.1 Indlela yokuhlawula

Zonke iintlawulo mazensiwe ngemali eyimali ihlawulwe kwicandelo lezimali leSebe eTourism House, 17 Trevenna Street, Sunnyside, Pretoria, ngexesha lomsebenzi, okanye ngokufaka imali kwi-akhawunti yasebhankini yeSebe.

Nazi iinkcukacha zasebhankini zeSebe:

Umnini we-akhawunti : iSebe Lokhenketho

Igama lebhanki : ABSA

Uhlobo lwe-akhawunti: yi-akhawunti yokufaka imali. (Current)

Inombolo ye-akhawunti: 40 7532 7895  
Ikhowudi yesebe : 632005

**OKUBALULEKILEYO:** Akukho sicelo esiya kusingathwa de kube kuhlalwulwe umrhumo, kwimeko ofuneka kuyo, ngokwesiqendu 22(1) salo Mthetho.

## 11. UNCEDO OLUFUMANEKAYO XA OKUTSHIWO NGULO MTHETHO KUNGENZIWA

### 11.1 Isibheno sangaphakathi

Igunya lesibheno sangaphakathi ngenjongo yokusebenzisa iPAIA, nguMphathiswa Wokhenketho. Emva kokuba lusetyenzisiwe uncedo lokubhena ngaphakathi, kunokuthi kufakwe isicelo enkundleni ngokwesiqendu 78 ukuya kwesama-82 salo Mthetho.

### 11.2 Ifom

- (a) Ocelayo unokufak' isibheno sangaphakathi ebhena nxamnye nesigqibo seGosa Lengombolo Elilisekela sokwala ukwenza ngokwesicelo, okanye ebhena nxamnye nesicelo nemirhumo yokufuman' ingombolo, okanye ebhena nxamnye nokolulwa kwexesha lokusingathwa kwesicelo, ekwenza oko esebebenzisa ifom efunekayo eshicilelw kwiMimiselo ekhutshwe ngokwePAIA, okanye esebebenzisa ifom eyelele kakhulu kule ifom.
- (b) Obhenayo kufuneka axele izizathu zesibheno sangaphakathi, axele ukuba unqwenela ukwaziswa njani ngesigqibo, ahlawule kananjalo umrhumo ofunekayo wesibheno (ukuba uyafuneka).
- (c) Akuba esifumene isibheno, iGosa Lengombolo malithi zingekapheli iintsuku ezilishumi (10) zaphakathi kweveki anike uMphathiswa isibheno sangaphakathi, nezizathu zesigqibo, neenkukacha zomntu ongomnye obandakanyekileyo, ukuba ukho.
- (d) Isibheno masifikwe zingaphelanga iintsuku ezingamashumi amathandathu (60), okanye ukuba kufuneka kwaziswe omnye umntu ngokwesiqendu 49(1)(b) sePAIA, masifikwe zingaphelanga iintsuku ezingamashumi amathathu (30) emva kokuba obhenayo azisiwe ngesiqqibo ekubhenwa nxamnye naso, okanye ukuba akukho mfuneko yokumazisa obhenayo, isibheno masifikwe emva kokuba sithatyathiwe isigqibo. Isibheno masibhekiswe kwidilesi, kwinombolo yefeksi okanye kwi-imeyile yeGosa Lengombolo Elilisekela.
- (e) UMphathiswa uya kukuvumela ukufakwa kwesibheno esiggithelwe lixesha kuphela ukuba isizathu esibekwa ngobhenayo siyakholeleka. Xa obhenayo ebhene selidlulile ixesha elivumelekileyo, uya kwaziswa ukuba sivunyelwe okanye asivunyelwanga isibheno sakhe esidlulelw lixesha.

### 11.3 Umrhumo wesibheno

Obhenayo kufuneka awuhlawule umrhumo ofunekayo wokubhena (ukuba uyafuneka). Isigqibo ngesibheno sangaphakathi sisenokunkonywa de uhlawulwe umrhumo.

## 12. UKWENZA LE NCWADANA YESIKHOKELO IHAMBISANE NAMAXESA

Le ncwadana yesikhokelo iza kwenziwa ihambisane namaxesha ubuncinane kanye (1) ngonyaka. Incwadana yesikhokelo yeSebe ngokwesiqendu 14 sePAIA ipapashwa ngeelwimi ezintathu (3) zaseburhulumenteni.

### **13. UKUFUMANEKA KWALE NCWADANA YESIKHOKELO**

- 13.1. Le ncwadana yesikhokelo iyafumaneka ukuba ihlolwe kwii-ofisi zeSebe Lokhenketho simahla;
- 13.2. likopi zinokufumaneka xa zicelwa ngemirhumo eqingqiweyo yeSebe Lokhenketho;
- 13.3. Inokufumaneka nakwiwebsayithi yeSebe Lokhenketho (<http://www.tourism.gov.za>);
- 13.4. Inokufumaneka nakwiKomishoni Yamalungelo Oluntu YoMzantsi-Afrika ngokwesiqendu 4(1) seMimiselo epapashwe ngokwePAIA.

### **IFOM A**

#### **ISICELO SOKUFIKELELA KUMAXWEBHU EQUMRHU ELILELIKARHULUMENTE**

**(isiqendu 18(1) sePromotion of Access to Information Act 2 ka-2000)**

**[ummiselo 6]**

#### **YEYOKUSETYENZISWA LISEBE**

Inombolo:.....

Isicelo sifunyenwe ngu.....(xela isikhundla, igama  
nefani yegosa lengombolo / isekela legosa lengombolo) ngalo mhla .....  
e.....(indawo)

Umrhumo wesicelo (ukuba uyafuneka): R.....

Idiphozithi (ukuba iyafuneka): R.....

Umrhumo wokuyifumana: R.....

.....

## UTYIKITYO LWEGOSA LENGCOMBOLO / ISEKELA LEGOSA LENGCOMBOLO

### A. linkcukacha zequmrhu elilelikarhulumente

iGosa leNgombolo / iSekela leGosa leNgombolo

### B. linkcukacha zomntu ocela ukufumana ingombolo

- (a) linkcukacha zomntu ocela ukufikelela kwingombolo mazinikwe ngezantsi.
- (b) Idilesi okanye ifeksi elapha kwiRiphablikhi emayithunyelwe kuyo ingombolo, mayinikwe
- (c) Ubungqina besikhundla somntu owenza isicelo, ukuba unaso, masinikwe.

Igama elipheleleyo nefani:.....

Inombolo yesazisi:

--	--	--	--	--	--	--	--	--	--	--	--

Idilesi yeposi: .....

Inombolo yomnxeba: (.....) Ifeksi: (.....)

I-imayile: .....

Isikhundla somntu owenza isicelo, xa esenza egameni lomnye umntu:

### C. linkcukacha zomntu owenzelwa isicelo

Le ndawo mayizaliswe KUPHELA ukuba isicelo sengombolo senzelwa omnye umntu.

Igama elipheleleyo nefani: .....

Inombolo yesazisi:

--	--	--	--	--	--	--	--	--	--	--	--

#### D. linkcukacha zengcombolo

- (a) Nika iinkcukacha ezipheleleyo zengcombolo efunwayo, kuquka nenombolo yayo ukuba uyayazi, ukuze ifunyanwe ingcombolo  
(c) Ukuba isithuba esinikiwego asanelanga, qhubeka kwelinye iphepha uze uliqhoboshole kule fom. Ocelayo makatyikitye kuwo onke amaphepha aqhotyoshelwego.

1. Luchaze apha uxwebhu okanye inxalenye yalo oyifunayo:

.....  
.....

2. Inombolo yoxwebhu, ukuba lunayo: .....

3. Ezinye iinkcukacha zoxwebhu:

.....  
.....  
.....  
.....

#### E. Imirhumo

- (a) Isicelo sokufikelela kuxwebhu, olungelulo oluqulethe ingcombolo engawe siqu, siza kusetyenzwa kuphela emva kokuba kuhlawulwe umrhumo wesicelo.  
(b) Uza kwaziswa ukuba malini omawuyihlawule.  
(c) Ubungakaanni **bomrhumo wokufikelela** kwingcombolo buxhomekelele kwimo efunwa ikuyo nakwixesha eliza kudleka ukuyifuna nokuyilungisa.  
(d) Ukuba uyakufanelekela ukungahlawuliswa, xela isizathu sokungahlawuliswa kwakho.

Isizathu sokungahlawuliswa:

## F. Imo ofuna ukuyifumana ikuyo ingcombolo

Ukuba ngenxa yesiphene onaso awukwazi ukuyifunda okanye ukuyibuka okanye ukuyiphulaphula ingcombolo ikwimo ekuyo exelwe ku-1 ukuya ku-4 ngezantsi, xela isiphene onaso uze uxele ukuba uyifuna ikwimo enjani.

Isiphene:	Imo oyifuna ikuyo ingcombolo:
Phawula ibhokisi eyiyo ngo- <b>X</b> .	
QAPHELA:	
(a) Ukuvunywa kwesticelo sakho sakho sokuyifumana ikwimo efunwa nguwe kusengaxhomekeka kwimo efumaneka ikuyo ingcombolo.	
(b) Ukuyifumana ikwimo efunwa nguwe kusenokwaliwa kwiimeko ezithile. Xa kunjalo uya kwaziswa xa uza kuyinikwa ikwimo eyahlukileyo.	
(c) Umrhumo omawuhlawulwe wokufikelela kwingombolo, ukuba ukho, uya kuxhomekeka ngokuyinxenyne kwimo ocela ukuyifumana ikuyo.	

1. Ukuba ingcombolo ibhaliwe okanye iprintiwe:
ikopi yengombolo*
2. Ukuba ingcombolo inemifanekiso – (esenokuba ziifoto, izilayidi, iividio, imifanekiso eksutshwe yikhompyutha, imizobo, njl):
ukubukwa kwemifanekiso

3. Ukuba ingcombolo inamazwi arekhodiweyo okanye ingcombolo enokwensiwa ibe sisandi :					
	phulaphula isandi (ikhasethi)		ukukhutshelwa kwesandi* (sibhaliwe okanye		
4. Ukuba ingcombolo ikwikhompyutha okanye ikwimo ye-elektroniki okanye efundeka ngomatshini:					
	ikopi eprintiwego yengcombolo*		ikopi eprintiwego yengcombolo esuselwe kuxwebhu*		siyikopi ekwimo efundeka ngekhompyutha* (istifidiski okanye ikhompakthidiski)

*Ukuba ucele ikopi okanye isikhutshelwa sengcombolo (ngentla), ngaba unqwenela ukuba ikopi okanye isikhutshelwa sithunyelwe kuwe ngeposi?	EWE	HAYI
Qaphela ukuba ukuba ingcombolo ayifumaneki ngolwimi oyifuna ngalo, usengayinikwa ngolwimi efumaneka ngalo		
Ukhetha ukuyifumana ngaluphi ulwimi?		

#### G. Ukwazisa ngesigqibo kwisicelo sokufumana ingcombolo

Uza kwazisa ngokubhalelwu ukuba isicelo sakho siphumelele okanye asiphumelelanga. Ukuba unqwenela ukwazisa ngenye indlela, yixele uze unike iinkcukacha ezifunekayo ukuze kwensiwe ngokwesicelo sakho.

Ukhetha ukwazisa njani ngesigqibo malunga nesicelo sakho sokufikelela kwiningcombolo?

.....

Kutyikitywe e..... . ngomhla .....

kwinyanga.....kunyaka ka.....

.....  
UTYIKITYO LOWENZA ISICELO / LOMNTU  
OWENZELWA ISICELO